# *USOLUSAPHO U-ABRAHAM*

Incwadi yeGenesis kwakhona, isahluko sama-22, siqalela kumqolo we-15, kwaye silindele ngoku ukuthetha nje okwemizuzwana kwaye siqalise inkonzo. Genesis 22, ukuqala kumqolo we-15.

> *Samemeza isithunywa sikaYEHOVA ku Abraham okwesibini sisezulwini,*
>
> *Sathi, Ndizifungile, utsho uYEHOVA ngokuba uyenzile loo nto, kwaye akunqabanga nonyana wakho, emnye kuwe:*
>
> *Ukuba ekusikelelweni ndiyakukusikelela, kwaye ekwandisweni ndiya kuyandisa imbewu yakho njengeenkwenkwezi zezulu, nanjengentlabathi eselunxwemeni lolwandle; kwaye imbewu yakho iya kuwadla ilifa amasango* otshaba *lwayo*;
>
> *kwaye embewini yakho ziyakusikelelwa zonke izizwe zehlabathi; ngenxa enokuba ulithobele ilizwi lam.*

2 Esinjani sona isithembiso, ngenxa yentobeko! Ukuthobela koko uThixo akufunayo. Kwakhe kwathiwa, "Ukuthobela kulunge ngakumbi kunombingelelo." Ukuthobela iNkosi kungcono kunalo naliphi idini onokulwenza.

3 Ngoku sijongene nesihloko esikhulu, ngokuhlwanje, *Usolusapho U-Abraham,* owayebizwa "uyise woKholo," ngokuba uThixo wamenza idinga lokuwudla ilifa umhlaba, neMbewu yakhe. Kwaye kungo Abraham thina, safayo sikuKristu, siba yiMbewu ka-Abraham kwaye siziindlalifa kunye naYe ngokwedinga.

4 Ngoku, u-Abraham wayeyindoda nje eqhelekileyo, wayengeyonto ikhethekileyo. UThixo akazange ambize, kangangokuba sinakho nakuphi okubhaliweyo, wade waba namashumi asixhenxe anesihlanu eminyaka ubudala. Unkosikazi wakhe, owayengudade wabo ngoyise, eminyaka imashumi mathandathu anesihlanu ubudala ngelo xesha, mhlawumbi babephile kunye kwasebutsheni babo. Kwaye wayeludlolo, engenabantwana. UThixo wabiza ukwahlulwa okupheleleyo, ukuze azahlule kulo lonke ihlabathi, nakubo bonke abantu bakhe, nakwimizalwane yakhe yonke. Kwakukho into ekhethekileyo awayemele ayenze.

5 Kwaye xana uThixo elindele ukuba wenze into ekhethekileyo, Unyanzelisa ukwahlulwa ngokupheleleyo kuko nakuphi na ukuthandabuza. Umelwe kukuza ekuthobeleni ngokupheleleyo, ukuthobela oko Akuthethayo. UThixo uyayinyanzelisa. Awunakuyenza ngenye indlela. Kwaye, ngoku,

Uhlala emisela umzekelo, kwaye lowo yayingumzekelo Wakhe, wokwahlulwa ngokupheleleyo kulo lonke usapho lwakhe, zonke izalamane zakhe, nanjalo njalo, ukuhamba ubomi obahlulelwe kuThixo.

6 Yegqitha iminyaka, akwenzeka nto, kodwa futhi u-Abraham wabambelela. Akazange adimazeke. "Akazange athandabuze kwizithembiso zikaThixo ngokungakholwa, koko womelela, edumisa uThixo."

7 Unyaka nonyaka, njengoko wawuhamba, ngokungathandabuzekiyo abaninzi abagxeki beza bathi, "Abraham, yise wezizwe, bangaphi abantwana onabo ngoku?" Oko akuzange kumthandabuzise. Kungekho mntwana, kwaye uSara wayeselegqithile kwimihla yobomi, ekuzaleni abantwana, kakade, egqithile kakhulu ekuyeni exesheni, kodwa futhi u-Abraham wakholwa kuThixo kwangohlobo olunye. Walungiselela usana, kuba wayesazi kwaye wayeyiseke ngokupheleleyo ukuba uThixo wayengenakwenza isithembiso sokuba wayengemkhulu ngokwaneleyo ukuba angasixhasa.

8 IMbewu Yakhe imelwe kukucinga kwa into enye. Nokuba ikhangeleka ingeyiyo eyenene kangakanani, ikhangeleka ingekho ngokwemvelo kwingqondo yendalo, ukanti uThixo akanakwenza isithembiso ukuba Yena akakho mkhulu ngokwaneleyo ukuba angasinyamekela. Sikholelwa kwaloo nto inye namhlanje. Yonke iMbewu yenyaniso ka-Abraham ikholwa kwaloo nto inye. Kungakhathaliseki ukuba zeziphi iimeko, lungakanani ulwazi esiluqokeleleyo, zininzi kangakanani izinto ezenzekileyo, ayikho kangakanani ukungabi ngokwendalo kwingqondo yendalo, indlela ekubudenge ngayo, gxebe, kwingqondo yendalo, ayenzi mahluko nakancinane. Ukuba uThixo watsho njalo, yiloo nto. Kwaye iMbewu ka-Abraham izinze phezu kuka-ITSHO INKOSI. Oko kuyayigqiba.

9 Sifumanisa, kumashumi amabini anesihlanu eminyaka kamva, kungekho bantwana. Kwaye nangoko uThixo wayethembekile ukusigcina isithembiso Sakhe ku Abraham, kuba u-Abraham wakholwa kuThixo. Inkwenkwe encinci yeza embonisweni, u-Isake omncinane.

10 Ngoko emva kokuba u-Isake omncinane efikile embonisweni, ngoko sifumanisa ukuba uThixo wamnika uvavanyo oluphindiweyo. Wathi, "Lo mntwana. . ." Emva kokuba ngoku wayemalunga nekhulu elineshumi elinesihlanu leminyaka ubudala, okanye amashumi amabini, u-Abraham wayenjalo. Wathi, "Ndifuna ukuba uthabathe lona, unyana wakho okuphela kwakhe, umse entabeni endiya kukubonisa yona, kwaye phaya uze umnyuse, kule ntaba, abe ngumbingelelo." Ngamanye amazwi, tshabalalisa bonke ubungqina anabo bokuba idinga liya kuzaliseka. Oko kuthatha zonke izinto zendalo.

11 Wathi u-Abraham, “Ndamamkela njengalowo uvela kwabafileyo. Kwaye ndeyiseke ngokupheleleyo ukuba Unako ukumvusa kwabafileyo.”

12 Aba ngabantu ngoku iMbewu ka-Abraham, ngokuba Wasivusa kwabafileyo. Sasifile esonweni nakwizigqitho. Kwaye Lowo wakwazi ukuguqula ingqondo yam, waguqula iingcinga zam, waguqula imvelo yam, waguqula yonke indawo, Unokwenza njengoko Athandayo. Nantoni na Ayithethayo, ndiyakholwa ukuba iyiNyaniso, kwaye yonke iMbewu ka-Abraham ikholelwa kwaloo nto inye.

13 U-Abraham, engengongamthobeliyo uThixo, wayithabatha inkwenkwana. Kwaye ngale ntsasa, waxelela abakhonzi, “Nina lindani apha kunye neemeyile. Ke mna nonyana siya kuya ngaphaya siye kunqula, kwaye mna naye siya kubuya.” Owu, uza kuyenza njani loo nto? Xa athe wenyuka waya encotsheni yentaba, ukuba athabathe ubomi bonyana ongowakhe, kodwa wathi, “Umntwana, umfana nam siya kubuya.” Wayesazi ukuba into kufuneka yenzeke. Kwaye wayengazi ukuba uThixo wayeza kuyenza njani na; ayingombuzo wakhe lowo. Uyazi ukuba uThixo wakuthembisa oko.

14 Yiloo nto kuphela esikhathalele ukuyazi, uThixo uyithembisile! Izakuba njani? Andikwazi ukukuxelela. Kodwa uThixo watsho njalo! Uyakuthumela uYesu Kristu, okwesibini, Uyakuza ekwimo yenyama. Uyakubanga AbangaBakhe. Kuyakubakho iwaka leminyaka, ulawulo lwewaka leminyaka phezu kwalo mhlaba, kunye naYe, kunye nabahlawulelweyo. Nantso into Awayithembisayo, kwaye sijonge ukuba loo yure isondele.

15 Wathembisa ukuphilisa abagulayo, ukuvusa abafileyo, ukukhupha iidemoni. Wathembisa ukuyenza. Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Njani? Andazi. Wathembisa ukuyenza! Siyakholwa yiloo nto; oko kuyayigqiba. Xa umntu ekholelwa uThixo, ukholelwa konke akutshoyo.

16 Yiloo ndlela ke u-Abraham wamkholelwa ngayo uThixo. Ngoku wacelwa ukuba atshabalalise bonke ubungqina bokuba isithembiso Sakhe siya kunyanyekelwa, kodwa wayeyisekile ukuba uThixo wayenako ukuyenza.

17 Ngoku, Akanikanga nje kuphela esi sithembiso sikhulu, Wasinika iMbewu yakhe, kananjalo. Kwaye ngenxa yokuba u-Abraham wayethembekile, kwaye waligcina i—iLizwi likaThixo uThixo awamthembisa lona, kwaye wayesazi ukuba uThixo unokumvusa lo mntwana. Kwaye akamconganga owakhe umntwana; kodwa (uThixo) wayengumfuziselo kaThixo enikeza ngoNyana Wakhe, kakade; njengokuba wayethwala iinkuni enyuka intaba, njalo njalo; njengokuba uKristu kamva wathwala isiqobo Sakhe ngoKwakhe, enyuka induli, waya apho Wabethelelwa khona.

18 Siyaqonda ukuba koku, ekwenzeni oku, kwamkholisa kakhulu uThixo ukubona u-Abraham emthanda Yena ngaphezu kwayo yonke into esemhlabeni, kwanonyana wakhe okuphela kwakhe. WayeMthanda ngaphezu kwento awayenokuyithetha nabani na, nabani na awayenokuyenza, wayesamthanda uThixo ngokwaneleyo ukuba alikholelwe iLizwi Lakhe.

19 Yonke iMbewu ka-Abraham ikholelwa kuThixo ngolo hlobo. Bayakholwa kuThixo. Kwaye siyazi ukuba kwamkholisa uThixo kakhulu kangangokuba nantsi into Awayithethayo, “IMbewu yakho iya kuwathimba amasango otshaba lwayo. Imbewu yakho iya kuwathimba amasango otshaba lwayo.” Khumbula, ngu-ITSHO INKOSI. IMbewu ka-Abraham iyakukholelwa oko. Ukuba uyiMbewu yenene ka-Abraham, ukholo awayenalo u-Abraham kuThixo, lukuwe. Kwaye uyakholwa ukuba oko akuthethileyo uThixo, uThixo uyasigcina isithembiso Sakhe.

20 Kwaye Wayithetha, ngoku khumbula, Wenza esi sithembiso kuphela ku-Abraham emva kokuba Wayemnike uvavanyo. IMbewu ka-Abraham imelwe kukuba ivavanywe kuqala, ukuze kubonwe ukuba ngenene bayalikholelwa na iLizwi. Khumbula, ekuphela kwendlela awayenokugcina ngayo idinga likaThixo, ngokuba walikholwa idinga likaThixo, waze wavavanywa ukuba uyalikholwa na Lona okanye hayi.

21 Siziswe kolo vavanyo. IMbewu ka-Abraham, namhlanje, iziswa kolo vavanyo. Ingaba siyakulithabatha iLizwi likaThixo, okanye sithabathe oko abantu bakuthethayo ngaLo? Ingaba siyakuthabatha oko umbutho othile ukwenzileyo njengomgaqo, sikwamkele oko, okanye sithabathe oko uThixo akuthethileyo? Ukuba iLizwi likaThixo liyinyaniso, siyalikholelwa iLizwi likaThixo, nokuba yintoni nayiphi eyiyo. Siyeka lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, kwaye elikaThixo libe yiNyaniso. IMbewu yokwenyaniso ka-Abraham! Kodwa ngaphambi kokuba ube yilaa Mbewu yenyaniso, umelwe kuphumela kuvavanyo, njengokuba wenzayo u-Abraham, ngokwakhe. Akazange athembise u-Abraham kuphela, kodwa iMbewu yakhe yayiza kuthimba amasango eentshaba. Owu, bethu!

22 Cinga nje, usolusapho wayeyiseke ngokupheleleyo kuyo, ekuvavanyeni kwakhe ngedinga leLizwi likaThixo, lalinyanisile. Nokuba iimeko zaziyintoni na, wayesakholelwa ukuba iLizwi lalilungile. U-Abraham, usolusapho omkhulu, akazange agungqe elukholweni, xa waziswa kwelo xesha lovavanyo. Wayekholelwa ukuba uThixo wayenako ukumvusa kwabafileyo. Wayikholelwa, ngokuba uThixo wenza idinga. Kwaye xa uThixo wenza isithembiso sokuba uyakuba “nguyise wezizwe,” kwaye wakholwa ukuba kunjalo. Wayengazi ukuba kuya kuba njani. Lwakuba usana lufikile, emva kokuba ekholosile, iminyaka emashumi mabini anesihlanu, emva koko wacelwa ukuba alutshabalalise usana, wayesazi ukuba isithembiso sikaThixo siyinyaniso, waza wanikela ngonyana wakhe.

23 IMbewu Yakhe, yinto enye! Idinga likaThixo litywina, kwabo bayiMbewu ka-Abraham. Idinga litywina, ingqina elityikityiweyo. Kwaye xa sikholwa lonke iLizwi ledinga, ngoko itywina linikezelwe kuthi, ukuze siqinisekise idinga ngalo. Yabona, ukuba thina—ukuba thina, ekubeni siyiMbewu ka-Abraham, sidlula kuvavanyo ukuba siyakukholelwa na eBhayibhileni, okanye hayi, IBhayibhile liLizwi likaThixo, ngokuba InguThixo, kwaye emva kokuba udlule kuvavanyo, ukukholwa.

24 Xa abanye babo bathi, "Iintsuku zemimangaliso zidlule," ukuba uyayamkela loo nto, oko kuchasene neLizwi.

25 Ukuba uthi, "Awuwamkeli uMoya oyiNgcwele, namhlanje. Ayikho into enjalo. Ngabapostile abalishumi elinesibini kuphela abaLamkelayo."

26 ILizwi lathi, uPetros elishumayela Lona ngoMhla wePentekoste, wathi, "Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, kwaye niya kwamkela isipho soMoya oyiNgcwele. Kuba idinga likuni, nakubantwana benu, nakwabo bakude, nabaninzi esukuba iNkosi uThixo wethu iya kubabiza."

27 Yiloo nto kanye eYithethayo. Kukuthi, ngoku ukuba ulungele ukuthabatha uvavanyo, lovavanyo lwe asidi kaThixo, kwaye ulandele la mgqaliselo, Ndiyakuxelela, uyakufumanisa ukuba uThixo uyaligcina iLizwi Lakhe, ukuba uyakukholwa kuLo. Injalo lo nto. Kodwa umelwe kukuphumela kuloo nto, ngokuba litywina elo; xa unokuYamkela, ngoko uyakulamkela idinga. Ngokuba, Ngummiselo kaThixo, indlela esimelwe kukuyenza ngayo, kwaye yiloo ndlela esimelwe kukuYilandela ngayo, kanye oko Akuthethileyo. Ngoku hayi nje kwabanye, kodwa "nabani na," nabani okholwayo, nabani oguqukayo, nabani okholwayo. Ibhekiselele kuzo zonke zonke izizukulwana, kubo bonke abantu, nabani na ofuna ukuLikholelwa. Kwaye ukholo kwiLizwi likaThixo likuzisa kwesi sithembiso. Emva koko, kwaye kuphela emva koko, onokuthi ube namandla okuthimba itywina ledinga.

28 Kwaye idinga esilifumanayo, itywina, lubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Injalo lo nto. Kuba lowo nguThixo ekwimo yoMoya, wena ekubeni uliLizwi Lakhe kuwe, aze Yena angene. Ukuba wamkela iLizwi kuwe, uMoya oyiNgcwele kuphela kwento enokwenza Oko kuphile, kwaye ke unesithembiso sokuthimba usango lalo lonke utshaba oluzama ukukuhlasela. Injalo lo nto. UThixo wayithembisa, kwaye injalo.

29 Ngoku, khumbula, ungayenza kuphela ngoko, kwaye emva koko kuphela, emva kokuba uvavanyiwe ngeLizwi.

30 U-Abraham wavavanywa ngeLizwi. "Uya kukholwa na, Abraham, ukuba woba nonyana?"

"Ewe."

31 Unyana wafika. "Ngoku mtshabalalise. Ingaba usayikholelwa na, Abraham?"

32 "Ndiyayikholelwa, nangoko, ngokuba Unako ukumvusa kwabafileyo."

33 Kwaze emva koko wathi, "Ngoku, iMbewu yakho iya kuthimba isango lotshaba lwayo." Amen! Emva kovavanyo luzile!

34 Makhe sihlole enye yembewu ka-Abraham, kwimbewu yemvelo. Ntoleyo, namhlanje siyiMbewu yokomoya. Kodwa masifumanise, ngembewu yemvelo, ngabanye babo bakholwayo kwidinga elipheleleyo likaThixo, kwaye abazange babu-. . . [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

35 Ndithe, "Phofu ke, yintoni intombazana engumKristu efuna ukubonisa yona umbhinqo wayo ongaphantsi? Andinakho ukukuqonda oko."

36 Uzelwe ngokutsha, nguThixo, unobuhle boMoya oyiNgcwele ukubonisa loo nto uyiyo. Ungu, unesidima ezi ziketi zehlazo zingenaso, injalo, umfazi wenene kaThixo, obonakala enesidima, usenokuhlekwa, abizwe ngowakudala; kodwa unento abangenakuyichukumisa, kwaye sele belahlekene nayo kwaye bengasokuze bayifumane kwakhona. Injalo lo nto. Unesidima. Yiloo nto uThixo ayijongayo, sisidima. Yabona?

37 Kodwa into yokuqala, ukuba kukho umbuzo engqondweni yakho, musa ukuyenza konke konke. Musa ukuza kumgca wokuthandazelwa ukuba kukho umbuzo engqondweni yakho. Musa ukuza ngaphandle kokuba uyikholelwa ngokupheleleyo, ugxininise, akukho maza engqondweni yakho, konke konke, kodwa oko uyakuphiliswa, emva koko uya kuphuma kweli qonga ungumntu ophilileyo. Injalo lo nto, xana kungekho mbuzo engqondweni yakho, konke konke. Umelwe kukukholwa kuThixo, hayi ukuzenza ukholwe. Kholwa ngenene!

38 Kwaye iMbewu ka-Abraham iyakholwa yiloo nto ngokuba iLizwi litshilo njalo, kwaye eso sisizathu sokuba siyikholelwe. Hayi ngenxa yokuba kukho umntu oye wagxeka, kuba omnye umntu watsho njalo. Ngokuba uThixo watsho, loo nto iyenza ibe yiNyaniso. Xa uThixo eyitsho, loo nto iphendula yonke imibuzo. Ulilizwi lokugqibela. Ungowokugqibela. Xa uThixo ethetha nantoni na, oko kuyigqibile. Akukho nto iyenye inokuthetha ngokuchasene naYo. "Lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, kwaye elaM libe yiNyaniso."

39 Ngoku njengoko sijonga ezinye zezi mbewu, makhe sicinge. Sicinga ngabantwana bamaHebhere, endinabo apha, ndicinga ngaloo nto, ngabantwana bamaHebhere, emva kokuba bevavanyiwe nxamnye nokunqulwa kwemifanekiso eqingqiweyo. Ngoku, niyakhumbula, ukumkani wathi, "Osukuba engaqubudi kulo mfanekiso, uya kuphoswa ezikweni elivutha umlilo." Ngoku, aba bantwana babekholelwa ukuba

iLizwi likaThixo lalilungile, okokuba abafanelanga banqule naluphi na uhlobo lomfanekiso, kodwa bakufika kumanqam kwaye bavavanywa ukuba bayakwenza na.

40 Xa, bonke abanye abantwana phaya ezantsi bamkela baza baya kunqulo, bahamba kanye kwindlela ukumkani watshoyo. Bahamba nengcinga edumileyo yomhla, yokuba bamelwe kukuyenza.

41 Kwaye xana bavavanywayo, okokuba babeya kunqula imifanekiso eqingqiweyo baze balaphule iLizwi likaThixo, bahlala benyanisekile eLizwini. Kungakhathaliseki iimeko, bahlala benyanisekile eLizwini. Kwaye xana babaphosa kwiziko lomlilo, idinga likaThixo lazaliseka. Bawathimba amasango otshaba lwabo. Kwaye kukho iNdoda yesine emi khona apho, nesitshixo sokuvulela ubushushu busuke emlilweni, waze awabinakwenza nto ngaphandle kokubakhulula. Amen.

42 Xa indoda okanye umfazi ikulungele ukwenza uvavanyo, uvavanyo lwe-asidi!

43 Uyabona, kwakufuneka bangene emlilweni. Kwaye xana bakwenzayo, babesemlilweni, kwaye inye kuphela into eyenzekayo, olu vavanyo lomlilo lwavula kuphela, lwathabatha i—izibopho zasuka ezandleni zabo.

44 Amaxesha amaninzi, uThixo uyasivumela, xa sibotshelelwa konke lihlabathi, sibotshelelwe, Uvumela iimvavanyo ezivuthayo zisifikele, apho kufuneka senze isigqibo. Kwaye xa sisenza loo nto, ekuphela kwento enokwenziwa luvavanyo, xana iMbewu yenene ka-Abraham imi e—ekuphambaneni kweendlela zesigqibo, aze enze isigqibo sakhe sokukhonza uThixo, inokuqhawula kuphela izibopho kwaye isenze sikhululeke. USathana unokukunika isifo. Angakunika enye into, enye. Wazi njani ukuba asingoThixo okufake ekuphambaneni kweendlela, ukubona ukuba luhlobo luni na lwe—lwe—lwesigqibo uya kusenza?

45 Balithimba isango lomlilo. Umlilo awukwazanga ukubatshisa. Kwakungekho nevumba lomlilo phezu kwabo, ngokuba babesazi ukuba babeyiMbewu ka-Abraham, kwaye babemele uThixo neLizwi Lakhe. Bawathimba a—amasango otshaba, kwaye nomlilo awabinakho ukubatshisa, ngokuba bawathimba amasango.

46 Kamva, kwakukho indoda, umprofeti ezantsi phaya, ogama linguDaniyeli. Ubeya kwenjenjalo. . . waba novavanyo lokuba wayeza kukhonza uThixo omnye oyinyaniso, okanye hayi. Yaye xana kwafikwa kwelo xesha, okokuba wayeza kukhonza uThixo omnye oyinyaniso, okanye anqule uthixo wobuhedeni, wala ukuyenza; waze wavula imidiyadiya, wathandaza kuThixo wakhe, yonke imihla. Kwaye wathatyathwa ngako okuya, ngesohlwayo semithetho yomanyano, waza waphoswa emhadini weengonyama. Igquba leengonyama ezilambileyo zagquma

emva kwakhe. Wenza ntoni? Walithimba isango lotshaba lwakhe. Iingonyama azikwazanga ukumdla. UThixo wathumela ezantsi iNtsika yoMlilo, iNgelosi eyayimi phakathi kwakhe nengonyama.

47 Walithimba isango lotshaba, ngenxa yokuba wavavanywa ukuze abone ukuba wayeza kunqula uThixo omnye oyinyaniso, okanye abe neqela loothixo bobuhedeni awayebanqula. Ke wamelana novavanyo, waza walithimba isango lotshaba. Ingonyama ayibanga nako nokumchukumisa, ngokuba uThixo ubenaye. Idinga likaThixo lahlala liyinyaniso, kuba wayeyiMbewu yenyaniso ka-Abraham.

48 UMoses, owu, omnye omkhulu. Wavavanywa, kananjalo, ukuze kubonwe idinga awathi uThixo wamnika lona. "Ndiya kuba nawe xa usehla usiya phaya." Uthe xana wesuka wema phambi kwabalinganisi besipho sakhe, uYanes noYambres bazama ukuma baze balinganise kwaloo nto uMoses wayeyalelwe ukuba ayenze. Kwaye uThixo wayembizile, kwaye wayesazi ukuba waye engulowo owayethunywe ukwenza oku, kwaye wema apho wenza ummangaliso njengoko uThixo wayemxelele ukuba awenze. Kwaye naku kumi abalinganisi, ukwenza kwaloo nto inye, kodwa ayizange imkhathaze uMoses. Wema ngokwenyani kwiLizwi likaThixo, kwaye wathimba ilifa amasango, amen, otshaba, ngenxa yokuba wema enyanisekile kwidinga likaThixo, kungakhathaliseki ukuba ngubani na owayezama ukuyilinganisa.

49 Esinjani sona isifundo eso kuwo onke amaKristu! Xana ujonga ngapha nangapha ubone umhanahanisi, khumbula nje ukuba uzama ukulinganisa inqaku lokwenyani. Kodwa, oko kuthetha kuphela ukuba kukho lowo unyanisekileyo. Yima ngokunyaniseka kwiLizwi likaThixo! Nokuba yintoni na ezayo okanye ehambayo, gcina isithembiso Sakhe. Ewe, uDaniyeli wahlala enyanisekile kwiLizwi likaThixo.

50 Akunamsebenzi nokuba bangaphi na abazama ukumlinganisa, nayo yonke enye into, wahlala enyanisekile. Kwaye weza ngenjongo, ukuza kukhupha uSirayeli eYiphutha, aze amthabathe amse kwilizwe ledinga. Kwaze kwathi kwakufika ixesha lokuba bangene kwilizwe ledinga, bephuma eYiphutha, nako kwakumi uLwandle oluFileyo endleleni. Kwaye wawathimba amasango amanzi, aza avuleka amasango. Aze a—amanzi abuya umva, uMoses wathabatha uSirayeli wamsa entlango, entabeni apho uThixo wayemyalele ukuba abazise khona. Amen. Wawathimba amasango otshaba.

51 Uyise, u-Abraham, wayenelo dinga, lokuba iMbewu yakhe yokwenyaniso yayiya kulidla ilifa isango lotshaba. Kwaye amasango amanzi ayevaliwe, kwaye akazange akwazi ukungena, yaye leyo iyindlela yomsebenzi. Wayefanele ukubazisa abo bantwana kuloo ntaba. UThixo wamxelela ukuba enze njalo.

Kwaye nakuya kumi isango endleleni, waza walithimba isango lotshaba.

52 UYoshuwa, emva kwethutyana, ekufikeni kwabo eKadeshe-bharneha, eyayisisihlalo sokugweba sehlabathi ngelo xesha, apho uSirayeli wadibana nomgwebo wakhe. Sifumana uYoshuwa ekunye noKalebhi, kunye nabanye abalishumi elinesibini . . . okanye—okanye abanye abalishumi. Kwathunyelwa umntu omnye kwisizwe ngasinye ukuba aye kuhlola ilizwe ababelungele ukulifumana.

53 Kwaye bathi bakubona ezo ngxilimbela zimi apho, abalishumi kubo baziva kakubi kakhulu, bathi, "Asinakuyithatha. Inkulu kakhulu. Kuba, khangela inkcaso esinayo." Kodwa ekubuyeni kwabo ukuzisa ingxelo, bazisa udaba olubi.

54 Kutheni bazisa ingxelo embi, ukuba uThixo wabaxelela, "Ndininikile elo lizwe; lelenu"? Wabaxelela ezantsi eYiputa, "Ndininikile eli lizwe, lilizwe elihle, libaleka amasi nobusi."

55 Kodwa bathi bakubona inkcaso inkulu kangako, abalishumi kubo babuya bathi, "Asinakuyenza."

56 YayinguYoshuwa, wabazolisa abantu, wathi, "Singaphezu kokukwazi ukulithimba. Singaphezu kokukwazi!" Ngoba kutheni? Wayejonge kwidinga. WayeyiMbewu yenene ka-Abraham. Kungakhathaliseki ukuba yintoni inkcaso, "Singalithimba isango, ngokuba uThixo wathembisa ilizwe." Kwaye walithimba isango.

57 Kamva, xa wabazisa oonyana bakaSirayeli ezantsi emlanjeni. Nako kumi, ngenyanga ka-Epreli, umlambo omkhulu, ukuphuphuma. IYordane isiza ukwehla iphuma ezintabeni, kwaye yayixananazile ukunqumleza amathafa; Kwakubonakala ngathi lelona xesha libi kakhulu, enyakeni, lokuba angaba phaya. Kodwa, nangoko, wayeyiMbewu ka-Abraham. Wayesazi ukuba wayenedinga, kwaye wayekumsebenzi wakhe. UThixo wamnika umbono, indlela yokuyenza, waze bawathimba amasango omlambo. Xa amasango evuleka, amanzi abuyela ezintabeni. Waze uYoshuwa noSirayeli bawathimba amasango otshaba, bawelela kwilizwe ledinga, ngokuba uThixo wabaxelela ukuba bayenze. IMbewu Yokwenyaniso Ka-Abraham!

58 Bazalwana noodade, akufika ngaphaya, iJeriko yayibiyelwe ngodonga, iphakame kangangokuba kwakunokuqhutywa iinqwelo zokulwa ezintathu kumphezulu. Babenokuyenza njani loo nto la maSirayeli ngokubolekiweyo, amakrele acholweyo, nayo yonke into, neentonga namatye, babezakungena njani apho? Kodwa wayeseyiMbewu ka-Abraham. UThixo wamnika umbono, wamxelela ukuba makayenze njani, wathi, "Vakalisa ixilongo." Amen. Yiyo leyo. "Yenzani umkhwazo, niye ngasezindongeni, amasango aya kuwa phambi kwenu." Amen!

WayeyiMbewu yaseBukhosini ka-Abraham, wayelikholwa lenene likaThixo. "Amasango aya kuwa phambi kwakho. Yenza nje umkhwazo, kwaye nivuthele ixilongo. Yiloo nto kuphela ekufuneka uyenzile." Kwenzeka ntoni? Awa amasango, waza uYoshuwa wawuthimba umzi.

59 Kungekudala emva koko, sifumanisa ukuba utshaba lwaluhamba luqhubela phambili, emva koko, wada wamisa nelanga emikhondweni yalo. Njengoko ndathetha ngenye intsasa kwi*Ndida*, wamisa ilanga wade wathimba amasango otshaba lwakhe. Amen. Wayesazi ukuba olo tshaba lukhe lwahlangana kwakhona, babechithachithiwe, kwaye ilanga lalitshona, kwaye ama-Amori, nama-Amaleki, njalo njalo, ayechithwachithiwe, ukuba ebenokuthi ahlangane kwakhona, aze ahlangane, ngoko uyakuba nexesha elinzima ukuphinda abenze bahlukane kwakhona. Kwaye yayinye kuphela into eyayibambile, yayilixesha, kwaye wamisa ixesha. Amen! Amen! Inye into eyayimgcina kweso sithembiso, yayililanga, indalo ngokwayo iwela ngaphesheya, waze wayimisa indalo. Ngoba? WayeyiMbewu ka-Abraham. Wayekholelwa kwidinga likaThixo. Walimisa, wawathimba amasango. Ewe, mhlekazi.

60 La madoda adumileyo, onke ngamadoda adumileyo. Kodwa uyazi xa wona, onke ngamnye, xana afikayo kwisango lokufa, afa onke. Ngamnye kuwo kwafuneka ukuba afe. Ngenxa yokuba yayingamadoda adumileyo, "Amisa i—imilomo yeengonyama, asinda emlilweni, nakuhlangothi lwekrele," nanjalo njalo, njengoko sixelelwa kumaHebhere 11. Kwaye bawahlutha amasango otshaba, konke ngaphandle kotshaba olunye, kwaye elo yayikukufa. Ukufa kwaginya ngamnye wawo onke.

61 Emva koko ngenye imini, kweza iMbewu yaseBukhosini ka-Abraham, uYesu Kristu, uNyana kaThixo; IMbewu ka-Abraham, ngokholo. Hayi ngo Isake, imbewu yemvelo; bayenza eyabo indima. Kodwa naku kusiza Lowo Wayengazalwanga ngokwemvelo. Nanku kusiza Lowo ungazange eze ngenkanuko yesondo. Naku kusiza Lowo ngokuzalwa yintombi enyulu. UNyana kaThixo, iMbewu ka-Abraham, yayiyiNdoda enkulu kangakanani le! Ezinye zendalo zonke zazalwa ngozalo lwendalo. Le Ndoda yazalwa yintombi enyulu. Wenza ntoni Akufika emhlabeni? Waloyisa lonke utshaba awayenalo uSathana. Wayoyisa yonke into.

62 Wenza ntoni Yena? Waphuma waza Woyisa ukugula. Kwakungenakubakho kugula ngakuYe; naphina apho ukugula kwakukhona, Wakoyisa. Wenza ntoni emva kokuba Ekoyisile? Wasinika izitshixo, amen, esithi, "Nantoni na eniyibophayo emhlabeni, ndiya kuyibopha eZulwini." Owu! Amen! Leyo yiMbewu yaseBukhosini ka-Abraham, idinga Lakhe. UMoya oyiNgcwele ungaphakathi kuthi ngoku, unezitshixo, uzibambele ekuguleni. Wakoyisa ukugula. Ukugula akunakuma kuBukho Bakhe. Kwaye Wathi Wasinika izitshixo ukuba senze kwaloo nto

inye, soyise ukugula. "Nantoni na oyibophayo emhlabeni, ndiya kuyibopha eZulwini."

63 Kanjalo, ukuhendwa, Wahendwa ngandlela zonke njengathi. Wenza ntoni Yena? Wakoyisa. Kwaye wathini Yena kuthi? "Mchaseni umtyholi, kwaye wonibaleka." Wasoyisela ukugula. Wasoyisela ukuhendwa, wawaqhekeza amasango; wasisusa isitshixo kumhendi, waze wasinikela kwikholwa, leMbewu ka-Abraham, wathi, "Ukuba uthe wanihenda, mchaseni, kwaye wonibaleka." Owu, bethu! Mchaseni!

64 Woyisa kokubini ukufa nesihogo. Wavuka ngomhla wesithathu, wathi, "Ndoyisile. Ngokuba ndisidla ubomi mna, nani nidla ubomi." Owu, elinjani lona idinga! Oko kukwiMbewu ka-Abraham. Waloyisa ingcwaba, wavuka ngomhla wesithathu, ukwenzela ukugwetyelwa kwethu. Xana Wavukayo, Wayelugwetyelo lwethu. Isenza ntoni loo nto? Wakoyisa ukugula. Wakoyisa ukufa. Wasoyisa isihogo. Waloyisa ingcwaba. Wasoyisa isihendo. Owu!

65 "Ngoku singaphezu kunabeyisi ngaYe owasithandayo, wabuncamela ubomi Bakhe," ekubeni eyiMbewu yaseBukhosini ka-Abraham. Kwangaloo Moya mnye kaThixo ungaphakathi kuthi, owawukuYe, singaphezulu kunabeyisi. Lonke isango loyisiwe ngenxa yethu. Ekuphela kwento emasiyenze kukuba silithimbe. Sele loyisiwe. Ukugula koyisiwe. Ukufa koyisiwe. Isihogo soyisiwe. Ingcwaba loyisiwe. Yonke into yoyisiwe, kwaye sibambe izitshixo, ngobabalo Lwakhe. Ingaba uyoyika ukuzifaka kwiqhagi, kwaye uthi, "Ndiza eGameni likaYesu Kristu"? "Celani kuBawo nantoni na eGameni Lam." NdiyaMthanda.

66 Emva kweminyaka engamawaka amabini edluleyo, amawaka amabini eminyaka, kwaye naku uselapha phakathi kwethu, onguMeyisi oLigorha okrazula kubini ikhuselo, owathabatha sonke isigulo, sonke isifo, yonke into phezu Kwakhe, waze wathwalela ubulwelwe bethu emnqamlezweni, nezigulo zethu nezifo zethu, woyisa phezu kwazo, waze wavuselwa ukugwetyelwa kwethu, kwaye ume ephila emva kwamawaka amabini eminyaka, ukuze Azibonakalise njengoYesu Kristu ophilayo, phakathi kweMbewu yaseBukhosini ka-Abraham, abaziindlalifa zezinto zonke. Owu, bethu! Abo bathi kamva, baphumela kuvavanyo, idinga leLizwi! Ukuba unokulikholwa iLizwi, ngoko nawe uyiMbewu ka-Abraham. Nantso indlela oza ngayo kuLo.

67 Ukuba awukwazi ukulithabatha olo vavanyo leLizwi, ngoko ukuba uyaLithandabuza, ukrokrela kancinane ngaLo, akunakufane uLikholelwe, kukho into ethile okanye enye, awunakuLikholelwa, ngoko musa ukuza kumgca wokuthandazelwa. Andinakuze ndiqhathe ngasesiguqweni,

ude ibe ufumane ubabalo olwaneleyo lokwazi ukuba iLizwi likaThixo liyinyaniso.

68 Kwaye xa uthe kwakanye wagqobhoza eso sigqubuthelo sokungakholwa, ngoko unazo izitshixo ezandleni zakho, zokufa, isihogo, nengcwaba, ngokuba unoMeyisi Okoyiseleyo. Ngoko unamaHebhere 13:8, asixelelayo, “UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.” Singayenza njani?

69 Abantu namhlanje bathi, “Owu, ke, ndiya kukuxelela, Unjalo kwi—indlela ethile, Unjalo.”

“Isenguye,” yatsho iBhayibhile.

“Owu, ke, Akenzi namhlanje njengoko Wenzayo.”

70 Siyifumana kanye ngoku, xa sibona iLizwi Lakhe lingqinelwe. Lenza ntoni? ILiphosa kanye emva emathangeni abo kwakhona. Amen.

71 IMbewu yenene ka-Abraham iyaLikholwa. IyaLazi. Kwaye Umi, ngobubusuku, njengokuba Wahlangana no-Abraham phaya phezulu ngemihla kaLothe waza wenza laa mmangaliso, njengoko Wenzayo ngokuxelela uSara oko wakuthethayo emva Kwakhe. UYesu wathembisa, iMbewu yaseBukhosini ka-Abraham, ukuba iBandla liyakubona kwaloo nto inye kanye phambi koKuza Kwakhe. Ingaba yintoni? Imele yenzeke. UThixo ukuthembisile oko. UYesu Kristu wakungqina kwaye wathi kuya kuba njalo, kwaye naku silapha namhlanje, emva kwamawaka amabini eminyaka, ukuMbona ephakathi kwethu, usenguMeyisi oLigorha! Wakoyisa ukufa, isihogo, ingcwaba, zonke iinkolelo; walithabatha iLizwi . . .?. . . yena. Ewe.

72 Wathi, “Ukuba nithe nahlala kuM, namazwi aM akuni, celani enisukuba nikuthanda kwaye kuya kunikezelwa kuni.” Yayiyintoni? ILizwi, uKristu, Elo lisentliziyweni yenu. “Ukuba nithe nahlala kuM, aMazwi aM ahlala kuni, ngoko niyoyisile yonke into kuba Ndinoyisele. Ukuba nithe nahlala kuM, ukuba nithe naNdiqonda, ukuba ningahlala kuM. Lowo ukholwayo kuM, ondamnkelayo Mna; hayi nje inkolo yokuzenzisa, kodwa unokwamkela. Lowo uwevayo amaZwi aM, awaqonde aMazwi aM, kwaye akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obungunaphakade; kwaye akayi kungena ekuhendweni, okanye ekugwetyweni, kodwa udlule ekufeni wangena eBomini.” Nanko Yena ekhona, uMeyisi oLigorha!

73 Nanku Yena namhlanje, isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Nanku Esenza phambi kweMbewu ka-Abraham, ebizwe ukuba iphume eBhabheli, yabizwa ukuba iphume eSodom, yabizelwa ngaphandle kwehlabathi, yaza yahlulwa, ebonisa idinga Lakhe kanye ngokuchanekileyo. Emva kwamawaka amabini eminyaka, nanku Yena emi phakathi kwethu, ngokuhlwanje, laa Meyisi uLigorha, iLizwi likaThixo Onokucalula iingcinga ezisentliziyweni, nezicamango zayo. Ingaba yintoni? “IMbewu yakho iya kuwathimba amasango

otshaba lwayo." Ingaba yintoni? YiMbewu ka-Abraham, iMbewu yaseBukhosini, ekholelwa kwiLizwi. Kwaye iLizwi li—iLizwi nguThixo.

74 Ngoku xa sibona oku, sinokukhwaza kunye nabo, njengembongi yakudala:

> Ephila, Wandithanda; esifa, Wandisindisa;
> Wangcwatywa, Wazithwala zaya kude izono zam;
> Ekuvukeni, Wagwebela ngesisa ngonaphakade:
> Ngenye imini Uyeza—owu, imini ezukileyo!

75 Umntu wathi, "Uyaluphala, nkwenkwe." Andikwazi ukuyinceda loo nto.

76 Ndiphile ukusukela ndiseyinkwenkwe encinci, ekuphela kwempumelelo yam endakha ndanayo kukubona uKuza kukaYesu Kristu. Ndanikela ngobomi bam ngaloo njongo. Ndisesepulpitini, njengexhego, ndikholwa kwa elo Bali linye, kwaye eyona nto inkulu endinokucinga ngayo kukubona uYesu Kristu esiza evela emazulwini ukuza kwamkela AbangaBakhe. UThixo, ngoko eyam . . . Akumangalisi ukuba sikwazi ukucula:

> Wonke amandla eGama likaYesu!
> Maziwe ngobuso iiNgelosi;
> Zisa isithsaba sobukumkani,
> Kwaye athwese Yena iNkosi yako konke.

77 Ngoba? UnguMeyisi oLigorha. Ukuba ukuYe, useLizwini. Wathi, "Ukuba nithe nahlala kuM, celani into enisukuba niyithanda." "Into enisukuba niyithanda," ngokuba onke amasango sele oyisiwe. Emva koko sinokuthi:

> Kuba sonke isithembiso eNcwadini sesam,
> Isahluko ngasinye, ivesi nganye, kunye nomgca.
> Ndithembele kwiLizwi Lakhe eliNgcwele,
> Kuba sonke isithembiso eNcwadini sesam.

78 Zihlobo, niyaqonda ukuba kuthetha ukuthini oko? Sonke isithembiso uThixo awasenzela u-Abraham, sonke isithembiso esathethwayo ngabaprofeti, sonke isithembiso awasithembisayo uYesu Kristu ngalo mhla, Ulapha ukuze asiqinisekise kwaye abonise ukuba uphila ngonaphakade. "IMbewu yakho iya kuthimba isango leentshaba."

79 Xa kufikelela kwiyure yokufa. Uthi, "Kuthekani ngaloo nto?" Usenayo la Ntimbo awayitshoyo uPawulos. "Owu ngcwaba, luphi na uloyiso lwakho? Owu kufa, luphi na ulwamvila lwakho? Kodwa makubulelwe kuThixo, Osinika uloyiso ngaloo Meyisi oLigorha, uYesu Kristu." Owu!

> Maziwe ngobuso iiNgelosi;
> Zisa isithsaba sobukumkani,

Kwaye athwese ukuba yiNkosi yako konke.

80 Ngokuhlwanje, emva kwamawaka amabini eminyaka, simi ukuze siMbone, ukanti, uMeyisi Onamandla Osikrazuleyo isigqubuthelo esasahlulayo kuso nasiphi na isithembiso sikaThixo, kwaye singaphezulu kunabeyisi kuYe. Masithandazeni.

81 Bawo waseZulwini, njengokuba simi apha, ngobubusuku, kuBukho boMoya oyiNgcwele, laa Mntu mkhulu kaYesu Kristu ekwimo kaMoya, Owathenjiswa ukuba uya kuza phezu kweMbewu ka-Abraham, iMbewu yaseBukhosini, siyathandaza, Owu Thixo, ukuba kukho indoda okanye umfazi, inkwenkwe okanye intombazana, apha, engakwaziyo Wena, babe namathandabuzo nokuphazamiseka engqondweni yabo, malunga neLizwi likaThixo, ekubeni LiyiNyaniso na okanye hayi, Owu Thixo Omkhulu, Owenza isithembiso, yiza ngobubusuku! Kukho isithembiso esinye othe Wena wasenza, Nkosi, Ungasigcina eso sithembiso, Uthe, "Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uya kuyenza naye ngokwakhe; nemikhulu kunale uya kuyenza, ngokuba mna ndiya kuBawo." Bawo Thixo, siyathandaza ukuba Uyakuqinisekisa iLizwi Lakho.

82 Baninzi abantwana baka-Abraham apha ngobubusuku, abagulayo. Owu, umtyholi ubavingcele; babafake ngaphakathi, kwaye bajija izitshixo, baze bathi, "Ngoku kufuneka ufe; unengxaki yentliziyo. Unayo *le*, *leya*, okanye *enye*, kwaye umelwe kukufa."

83 Owu Thixo, langa ixilongo lentlokoma lingakhala, ngobubusuku, leVangeli, ukuze lonke ikhoboka libe nokukhululeka! UYesu Kristu uwoyisile loo masango. Sibambe izitshixo ezandleni zethu. Owu! "EGameni laM bayakukhupha iidemoni. Ukuba nithe nacela nantoni kuBawo eGameni laM, Ndoyenza. Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza naye yena. Ilizwi likaThixo libukhali kwaye linamandla ngaphezu kwekrele elintlangothi-mbini, ukucanda kubini nomongo, kwaye nokuba ngumcaluli weengcingane ezisentliziyweni."

84 "Kwaye njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, koba njalo ekufikeni koNyana womntu, kuba babesidla, besela, bezeka, besendiswa; iinkqubo zokwakha ezinkulu." Kwaye sijonge ihlabathi, "Kuya kubakho imiqondiso, nemibono eyoyikekayo ezulwini phezulu (lana ngamaceba abhabhayo), iinyikima zomhlaba kwiindawo ngeendawo, ulwandle lugquma (amaza olwandle), intliziyo yomntu ityhafa (uloyiko), imbandezelo phakathi kwesizwe, ukubhideka kwexesha."

85 "Kwaye njengokuba kwakunjalo ngemihla kaLothe, kuyakuba njalo ekufikeni koNyana womntu." Owu Thixo, yiza ngobubusuku wenze iLizwi Lakho, yiza ngobubusuku uhloniphe

ukholo lwabantwana baka-Abraham. NgeGama likaYesu Kristu siyakucela. Amen.

86 INkosi inisikelele, ngokutyebileyo. Andizukwenza ubizo lwesiguqo kanye ngeli xesha. Ndiza kukushiya kuwe. Ndiyacinga ukuba, ngamaxesha amaninzi, ukubizela abantu esibingelelweni . . . Ndiyakholwa kunye nabo. "Kodwa ngobuninzi abamkelayo, babhaptizwa." Yiyo leyo, "Abaninzi abamamkelayo Yena." Siza kuthandazela abagulayo.

87 Bendingathetha apha ubusuku bonke. Ningababaphulaphuli abathandekayo. Kodwa oko ndikuthethayo yindoda nje; kodwa ukuba ndithetha aMazwi Akhe, ngoko ayingomazwi am, ngaMazwi Akhe. Ukuba ndithetha into, aze uThixo angayixhasi, ngoko ibililizwi lam elo. Ukuba ndithetha iLizwi Lakhe, aze Yena alixhase, ngubani laa ndoda okanye umfazi onesono, inkwenkwe okanye intombazana, eyakuthi imke ithi Akunjalo?

88 Wathi uYesu, Ekwenzeni kwakhe ezi zinto, bathi, "Le Ndoda ngumvumisi. Ingumtyholi!" Umvumisi, nabani na uyazi ukuba ukuvumisa kokukamtyholi. Wathi, "Ingumvumisi." Kodwa ngaba wakhe wambona umvumisi eshumayela iVangeli? Wakhe wambona umvumisi ekhupha iidemoni? Hayi, inene, abakwenzi oko.

89 Wathi, "Ngoku, Mna Nyana womntu, ndiya kunixolela ngenxa yoko. Kodwa xa uMoya oyiNgcwele efikile, ukuthetha ngokuchasene naWo akusayi kuxolelwa kweli hlabathi okanye kwihlabathi elizayo, kuba umsebenzi kaThixo uwubiza ngokuba ngumoya ongcolileyo."

90 UThixo abe nenceba kuthi, ngobubusuku, kwaye ndiyathandaza ukuba uThixo uyakwehla aqinisekise eli Lizwi phambi kwenu.

91 Mzalwana, dade, ngumphefumlo wam lo. Ndimelwe kukudibana noThixo. Ndinoxanduva lwento endiyithetha kuni. UThixo uyakundibeka ityala ngako. Oko kunjalo. Bekungandinceda ngantoni ukuma apha ndithethe ezi zinto ukuba bendisazi ukuba ndiwugwebela esihogweni umphefumlo wam?

92 "Kukho indlela ekhangeleka ithe tye phambi komntu, ukanti ukuphela kwayo ziindlela zokufa." UThixo akadingi toliki. Njengoko benditshilo, Utolika iLizwi elileLakhe Buqu.

93 "IMbewu ka-Abraham iyakuthimba isango lotshaba." Uyayikholelwa?

94 Ukuba bendinokukuphilisa, bendiya kuyenza. UKristu sele ekuphilisile. Inye into, unesitshixo esandleni sakho. Eso sitshixo lukholo lwakho, okokuba ulubambe. Livule, ngobubusuku, akuyi kwenza njalo? Ngelixa Esiza phakathi kwethu, laa Meyisi uLigorha oweyisa sonke isifo, kwaye aze apha aze akubonise

ukuba Uyenzile, kuba UseliLizwi. "Kwaye iLizwi lingumcaluli weengcinga ezisentliziyweni."

95 Leliphi ikhadi lomthandazo? B, nye ukuya...Siqale ngantoni, ngobunye ubusuku? [Umntu uthi, "Nye."—Mhl.] Masiqale ukusukela kumashumi amahlanu. Ngubani onekhadi lokuthandazelwa elingu-B, amashumi amahlanu? Phakamisa isandla sakho. Ikhadi lokuthandazelwa B. Siqale ngesinye, ngobunye ubusuku, ngoku sizakuqala ukusukela kumashumi amahlanu, ngobubusuku.

96 Ngubani ono-B, B, amashumi amahlanu? Phakamisa isandla sakho. Ikhadi lokuthandazelwa B, amashumi amahlanu. Uthetha ukuba alikho apha? Ingaba unalo? Kulungile, B, amashumi amahlanu. B, amashumi amahlanu ananye, ngubani onako oko? B, amashumi amahlanu ananye, kulungile. B, amashumi amahlanu anesibini, ngubani ono-B, amashumi amahlanu anesibini? Kulungile, unalo. B, amashumi amahlanu anesithathu, amashumi amahlanu anesine, yiza kanye ngapha. Amashumi amahlanu anesine, amashumi amahlanu anesihlanu.

97 Inkwenkwe yam iyehla ukuza apha, kanye phambi kokuba ndingene, ize ixubanise iqela lamakhadi. Kwaye uyabone ukuba anjani, elinye *apha* kwaye elinye *phaya*? Abayazi. Ungehla *ngalo*mqolo ufumane elinye, olandelayo ufumane ishumi, omnye ufumane amashumi amabini anesihlanu. Asazi ukuba liphi na, kodwa, nokuba aphi na.

98 Ngoku bangaphi esibabizileyo? Bahlanu, bane? B, amashumi amahlanu. Ingaba ibingonge B, amashumi amahlanu, akunjalo? [Umntu uthi, "Ewe."—Mhl.] B, amashumi amahlanu ukuya kumashumi amahlanu anesihlanu. Amashumi amahlanu anesithandathu, amashumi amahlanu anesixhenxe, amashumi amahlanu anesibhozo, amashumi amahlanu anesithoba, amashumi amathandathu. Ngoku makhe sibone, inye, zimbini...Babale, Billy, kwaye siza...Amashumi amathandathu, amashumi asixhenxe, mabaphakame kuqala, ukuba niyathanda. B, amashumi amahlanu ukuya kumashumi asixhenxe, amashumi asixhenxe anesihlanu. Babale, Mzalwana Roy, ukuba uyathanda, ngeli thuba ndithetha nabaphulaphuli.

99 Bangaphi abaphaya ngoku njengokuba ujonge ngale ndlela, ube ungenalo ikhadi lomthandazo?

100 Khumbula, uYesu wathi, "Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani." Ingaba yinyani leyo? Yinyani leyo. Uyayikholelwa? IMbewu ka-Abraham yatsho njalo.

101 IBhayibhile itsho, ukuthi "UnguMbingeleli Omkhulu." AmaHebhere, isahluko se-4, "UnguMbingeleli Omkhulu onokuchukunyiswa yimvakalelo yobulwelwe bethu." Uyayikholelwa? Ukuba Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, Angayenza njani loo nto?

102 Kwakukho umfazi omncinane, eBhayibhileni, njengokuba uqaphela into endiyithethayo. Umfazi omncinane, eBhayibhileni, mhlawumbi wayengenalo ikhadi lokuthandazelwa; kodwa wathi entliziyweni yakhe, "Ukuba ndinokuyichukumisa laa Ndoda, ndiyaYikholwa." Wayechithe yonke into awayenayo, ngenxa kagqirh-. . .noogqirha. Abazange bakwazi ukumnceda. Imeko yakhe yayinkulu kakhulu. Abazange bakwazi ukumnceda. Kodwa wayekholelwa ukuba uThixo wayeza kumnceda. Kwaye wachukumisa umqukumbelo Wakhe, wengubo Yakhe.

103 Kwaye wathi, "Ndiyabona ukuba amandla amkile kuM." Ingaba oko kunjalo?

104 Uyakholwa ukuba Usekwanguye, ngobu busuku? Uyakholwa ukuba Ulapha? Bangaphi abakholwayo ukuba Wavuka kwabafileyo? Ngoku ungakubonakalisa njani ukuba Uvukile kwabafileyo?

105 Kungekudala, indoda edumileyo yomBhaptizi yeza kum, kwaye yathi, "Mzalwana uBranham, ndoyiswa—ndoyiswa, ngaxesha lithile, nguMohammed owathetha loo nto. Wathi, 'Ukuba Uvukile, Wathembisa ukuba Uyakwenza kwaloo nto inye. Masimbone Yena ekwenza oko.'" Yabona, bayakholwa ukuba Akazange ayenze loo nto.

106 Kodwa siyakholwa ukuba Uyayenza. Siyakholwa ukuba Wavuka kwabafileyo. Ayikho enye inkolo ehlabathini enokubonakalisa ukuba umseki wayo uyaphila, kuphela bubuKristu. Kwaye inye kuphela indlela uThixo anokuYingqinela ngayo, kungokwabo baYikholelwayo, kuba kuphela kwendlela uThixo awenza ngayo aMazwi Akhe, ngabo baLikholelwayo.

107 Ngoku ngeli thuba bekrozisa lo mgca umncinci wokuthandazelwa apha, andazi ukuba siyakufumana bangaphi, ndifuna ukuba ngamnye wenu, abambe isikhundla sakhe, bamba isihlalo sakho, musa ukujikeleza, jonga ngapha uthandaze, uthi, "Nkosi Yesu, ndiyakholwa."

108 Uyakhumbula, Wandixelela, "Ukuba wenza abantu bakukholelwe; kwaye ke unyaniseke xa uthandaza." Oko kube kuso sonke esi sizwe, emva naphambili, ishumi elinesihlanu leminyaka, akukho nexesha elinye eyathi yasilela. Ayinakusilela.

109 UThixo, into enye uThixo angenakuyenza, oko kukusilela. Umelwe kukuba aligcine iLizwi Lakhe. Ndiyayikholelwa lo nto. Ndiyakholwa kanye njengokuba nam. . .ngaphezu kokuba ndikholelwa ukuba ndimi apha, ngaphezu kokuba ndikholelwa ukuba ndikwesi sakhiwo; oku inokuba lithemba eliyinkohliso, inokuba liphupha. Emphefumlweni wam, ndiyamazi uYesu Kristu uNyana kaThixo uyaphila. Kwaye wena ekubeni uyiMbewu ka-Abraham, wena ekubeni ufile kuKristu, uyiMbewu ka-Abraham.

110 Ngoku banazo iitshefu apha. Impumelelo enkulu yenziwa yile nto, abantu abakholwayo. Ngoku masithobeni iintloko zethu, ngelixa balungelayo, size sithandazele ezi.

111 Bawo oseZulwini, sifundiswa eBhayibhileni, kwaye kukho abantu apha abakholwayo lonke iLizwi Olithethileyo liyiNyaniso. Nkosi, ngamanye amaxesha bayagxadazela babethe kumngxuma wesitshixo, ngesitshixo, bewuphosa, kwaye bayayikhuhla, kodwa bayakholelwa ukuba iphaya. Bayeke nje baqhubeke bebetha, bayakuyifumana, kuba iphaya. Kwaye eso sitshixo sisitshixo esifanelekileyo, "Ukuba unokukholwa, zonke izinto zinokwenzeka." Njengoko ingoma iculwa ngoku, okanye idlalwa.

112 EBhayibhileni itsho ukuthi, "UPawulos wathabatha emzimbeni wakhe iiqhiya nemibhinqo, wazithumela kwabagulayo nabaxhwalekileyo, bathi oomoya abangcolileyo baphuma ebantwini, kwaye baphiliswa."

113 Ngoku, Nkosi, siyazi ukuba uPawulos oNgcwele unaWe. Kodwa, yayingenguye; yayinguWe, Nkosi, uKristu ekuye. "Asindim odla ubomi, nguKristu ke oselesidla ubomi kum," watsho.

114 Kwaye ngoku kwesi sizukulwana, UsenguKristu, namhlanje, njengokuba ubunjalo izolo. Kwaye njengokuba ndithandazela ezi tshefu, ndizichukumisa, ndiyathandaza ukuba Uyakuloyisa lonke utshaba. Banike ukholo, ukuze bazi ukuba utshaba loyisiwe.

115 Kwaye ngaxesha lithile, uLwandle oluBomvu, njengoko besisandula kuthetha ngalo, lenza uSirayeli athintelwe kwisithembiso, kwaye babekumsebenzi wabo. Kwaye omnye umbhali wathi, ukuba "UThixo wajonga ezantsi ngamehlo anomsindo, ngaloo Ntsika yoMlilo, lwaza ulwandle lwankwantya lwaza lwavula amasango alo, baza bawela."

116 Khangela ezantsi, ngobu busuku, ngeGazi likaYesu Kristu. Kwaye kwanga, xa ezi tshefu zibekwe phezu kwabagulayo, lwanga utshaba lungalubona ukholo lwethu, ngobu busuku, njengokuba sithandaza lo mthandazo wokholo. Kwaye wanga ngamnye angahlangulwa, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

117 Ngoku ndifuna uhoyo olungahlulwanga lwakho. Nabani na okumbonko wokuthetha apha phezulu, unokuyinyusa. Ngokuba, ukuba uMoya oyiNgcwele ungakwenza oku. . . Anditsho ukuba Uyakuyenza.

118 Ngoku nabani na oza apha aze akuxelele ukuba banamandla okuphilisa abagulayo, sukuyikholelwa loo nto. Amandla onke akuKristu. UnguMeyisi, hayi wena nam. Siyakwamkela nje oko Akwenzileyo. Akukho mntu unamandla okusindisa okanye okuphilisa.

119 Wonke umntu ehlabathini, ixabiso sele lihlawulwe. Imfuneko ihlawulwe. Ibinjani? “Wahlatywa ngenxa yezikreqo zethu, ngemivumbo yakhe saphiliswa.” Impiliso yenu—yenu ihlawulelwe. Usindiso lwenu luhlawulelwe. Ingaba ninalo ukholo lokuza, nilwamkele? Kuko konke. Ukuba niyiMbewu ka-Abraham, ninalo. UThixo wakuthembisa oko. Kukho into ethile kuni ethi ikho, kwaye ikhona.

120 Ngoku yintoni isipho? Ingaba isipho sesokuphuma ngaphandle uze uphilise abantu? Hayi. Isipho kukuzisusa endleleni, ukuze uThixo akusebenzise.

121 Ngoku Wathembisa ukuba, umqondiso wokugqibela, ngokukaYesu Kristu, “Njengoko kwakunjalo ngemihla yeSodom, kanye phambi kokuba itshiswe.” Hayi ngaphambi kokuba ezinye izinto zenzeke, iVangeli yashunyayelwa nguLothe, nanjalo njalo; hayi loo nto. Kodwa ngaphambi kokuba itshiswe, uThixo wehla ekwimo yomntu, wahlala neBandla elinyuliweyo, u-Abraham neqela lakhe, ababenedinga.

122 Ngoku khumbula, yiMbewu ka-Abraham kuphela eyamkela oku. “Liselilifutshane ixesha, ukuze ihlabathi lingabi saNdibona,” Watsho uYesu. “NiyakuNdibona nina, ngokuba ndiyakuba nani, kuni, kude kube sekuphelisweni kwehlabathi.”

123 Kodwa Wathembisa, kanye phambi kokuba Abuye kwakhona, “Njengoko kwakunjalo eSodom,” khangela ukuba iSodom ifumana ntoni na; khangela ukuba iBandla elinyuliweyo lifumana ntoni na, wathi, “koba njalo ekufikeni koNyana womntu.” UThixo wabonakalaliswa kwimo yendoda, ukuba efulathele intente, waxela into eyenziwa nguSarah ngaphakathi ententeni. Wonke umntu uyazi ukuba leyo yiNyaniso, phakamisa izandla zakho. Yiloo nto kanye. Ngoku Wayithembisa. Sikwixesha lesiphelo. Ngoku khumbula, leyo yayiyinto yokugqibela eyenzekayo; laze ihlabathi leeNtlanga latshiswa laphela, iSodom, waza unyana wedinga wavela. Silindele uNyana othenjisiweyo, uNyana kaThixo.

124 Naku silapha. Wanga uThixo angavula amehlo enu. Andazi enye into endinokuyithetha. Wanga Angavula amehlo enu.

125 Ngoku Bawo oseZulwini, ndingongacedakaliyo, ndiyimfumba yodongwe Owalubumbayo kunye, waze walubeka apha. Owu Thixo, ndinga, ngobu busuku, ndibe nobabalo noBukho Bakho, ukuze kube nguWe ubenokusebenzisa ezi zigaqa zincinane zodongwe Unazo apha. Ukuze abo, Nkosi, obabizele kuBomi obunguNaphakade, kwaye mhlawumbi abakaYamkeli okwangoku, banga bangazibona ezi zithembiso. Kusenokwenzeka ukuba babeyifundisiwe ukuba oko kokwangomnye umhla, kodwa nantsi ifumaneka eBhayibhileni. Yiqinisekise Yona, Nkosi. Oko lutoliko Lwakho Wena. Ayifuni ngaphezu koko. Ukuba Uyakwenza nje ukuba kube njalo,

ngoko bayakubona ukuba iLizwi liyinyaniso. Siphe oko, Bawo. Sizinikela kuWe.

126 Vumela wonke umntu olapha, Nkosi, asebenzise ukholo lwakhe, ngobu busuku. Langa lonke ilungu loHlanga luka-Abraham, ngoYesu Kristu, lingaba nokholo, ngokuhlwanje, kwaye lamkele uBukho Bakho. Kwaye siya kukunika indumiso. Amen.

127 Ngoku, le yi-. . . Ngoku oku kuyamangalisa. Ndifuna nindincede ngoku, ndithandazeleni. Hlalani nithe cwaka, musani ukujikeleza. Hlalani nithe cwaka, nithandaze.

128 Ngoku, yabona, iyatshintsha ukusuka kubuvangeli, ukuya ngaphaya ukuze uziphumze ngendlela yokuba uMoya kaThixo ukuthabathe ngokupheleleyo ukuse komnye ummango.

129 Ngoku naku kumi lo umncinci . . . Yiza ngapha kancinane, nenekazi. Kwaye nje . . . Kulungile, ngoko ke andizukuba kude kulo mboko wokuthetha. Yabona, andazi ukuba kwenzeka ntoni na, uyabona, kwaye ngoko ngamanye amaxesha, uyazi . . . Ngoku kuphela kwendlela endazi ngayo, iku—ikumboko wokuthetha, uyabona, kwaye bazama ukuyibamba phaya, kwaye andazi nje ukuba yintoni na.

130 Ngoku singabasemzini omnye komnye. Andikwazi, andizange ndakubona ebomini bam. Kodwa umncinci kakhulu kunam. Kwaye mhlawumbi sazalwa ngokuhlukana kweemayile, kwaye sishiyana ngeminyaka. Eli lityeli lokuqala lokudibana kwethu. Ingaba oko kunjalo? Ukuba kunjalo, phakamisa isandla sakho ukuze abaphulaphuli babone. Ngoku, ungumfazi nje omi apha.

131 Khangela, yibuyisele eSibhalweni. Masithabathe uYohane oNgcwele i-4. Ngamnye kuni makayifunde xa egoduka. Hayi—hayi okokuba lo mfazi ulolwa hlobo lomfazi; Andazi. Kwaye uyazi ukuba andingoYesu Kristu. Kodwa Ulapha. NguYe. Ngoku uMoya Wakhe uyasithambisa, unokutyhila ingxaki yakhe, njengoko Wenzayo kumfazi equleni. Into enye.

132 Kwaye, ngoko, apho ababingeleli nabaphathi baloo mini, bathi "Le Ndoda ngumvumisi, okanye umtyholi, uBhelezabhule."

133 Lo mfazi wathi, "Mhlekazi, ndiyabona ukuba Ungumprofeti wena. Siyazi ukuba uMesiya uyeza, kwaye oko iyakuba ngumqondiso Wakhe."

134 Ngoku, bangaphi abaziyo ukuba yinyaniso leyo? Ke, ukuba Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, oko ayinakuba ngumqondiso Wakhe ngokuhlwanje? Ingaba Wathembisa ukuba kuyakwenzeka, kanye ngaphambi kokuphela kwexesha? Ngoku bona ukuba Uyasigcina na isithembiso Sakhe kwiMbewu ka-Abraham.

135 Ngoku ukuba nabani na olapha ucinga ukuba oko akulunganga, nyuka uze apha wenze kwa into enye. Ukuba akunjalo, ngoko musa ukuthetha nto ngayo. Unelungelo.

136 Ngoku, eGameni likaKristu, ndithabathela wonke umoya phantsi kolawulo lwam, kuzuko nembeko kaThixo.

137 Kuya kufuneka ndithethe nje nawe, umzuzwana, nenekazi eliselula. Uyazi, iNkosi yethu yathetha nalaa mfazi equleni. Wathi, "Ndizisele ndisele." Wayesenza ntoni?

138 Ngoku khangela, Wathi, kuYohane oNgcwele i-5, "Inene, inene, ndithi kuni, uNyana," Lowo yayinguYe, umzimba, "akanakwenza nto ngokunokwaM," kuphela njengoko Wabona uBawo esenza. "Into ayenzayo uYise, Uyambonisa uNyana. Yabona, mna ngokwaM andinakwenza nto, kodwa njengoko ndimbonayo uBawo eyenza;" Ngoko, uYesu akazange enze namnye ummangaliso de kuqala uThixo aMbonise ngombono; hayi ukumxelela endlebeni Yakhe, kodwa waMbonisa. "Oko ndikubonayo," hayi ukuva, "bona uBawo esenza." Nantso into eyaMenza umProfeti ofana noMoses, njengoko watshoyo uMoses. Ngoku xana Wa—Wamazi uYise . . . Wayekwi . . .

139 Wayesiya eYeriko, kodwa Yena waba nesidingo sokudlula eSamariya, waza wenyuka waya kwisixeko saseSikare. Kwaye ngoku yabona, amaSamariya ayelindele uMesiya.

140 AmaJuda ayeyilindele, kwaye Wawabonisa umqondiso Wakhe. UFilipu, uNataniyeli, uPetros, kwathi nje ukuba la mqondiso wenziwe, bathi, "UnguNyana kaThixo."

Urabi wathi, "Le Ndoda nguBhelezabhule."

141 Kodwa ngoku khumbula, iiNtlanga, thina, sasingama-Anglo-Saxon, thina—thina sasingakhangeli Mesiya. Sasingabahedeni, amaRoma, nanjalo njalo. Sasingafuni Mesiya. Uza kuphela kwabo bamlindeleyo.

142 Kodwa amaSamariya ayeMfuna, ngoko kwanyanzeleka ukuba Adlule ngakuwo, enyuke ngaseSamariya. Uhlala phantsi ngasequleni. Inenekazi eliselula, mhlawumbi elimalunga nobudala bakho, laphuma. Yayingumfazi odume kakubi. Ulifundile ibali, ndiyaqikelela. Waye wathi, "Mfazi, Ndizisele ndisele."

143 Wathi, "Owu, akukho sesikweni kuWe, mYuda, ucela umSamariya okunjalo."

144 Wathi, "Kodwa ukuba ubusazi ukuba uthetha naBani, ngewucela kuM into eselwayo."

145 Yaqhubeka incoko. Ekugqibeleni, Wayifumana apho ingxaki yakhe yayikhona. Uyakhumbula ukuba yayiyintoni? Wayenabayeni abaninzi kakhulu. Kwaye wathi, "Hamba uye kulanda umyeni wakho, uze apha."

Wathi, "Andinaye."

146 Wathi, “Utsho kakuhle,” wathi, “kuba ubunabahlanu, yaye lo uhlala naye ngoku ayingowakho.”

147 Wathi, “Mhlekazi, ndiyabona ukuba Ungumprofeti. Siyazi ukuba uMesiya uyeza, Uyakusixelela ezi zinto.”

Waze Wathi, “NdinguYe.”

148 Yawushiya umphanda wayo, yabalekela esixekweni, kwaye wathi, “Yizani, nibone iNdoda Endixelele into endayenzayo. Lo asinguye na uMesiya?” Babengenamprofeti amakhulu eminyaka. Kwaye nantsi iNdoda eyabanga ukuba inguMesiya, yaze yaqondakalaliswa ukuba ingu—umprofeti, kwaye yabonisa umqondiso kaMesiya.

149 Ingakwenza ukuba ukholelwe kwaloo nto inye, ukuba Wenza kwa into enye, ekubeni isekwanguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade, kwaye uthembisile ngezi Zibhalo ukuba Uyakuyenza loo nto?

Ingaba ibiya kwenza abaphulaphuli bakholwe?

150 Unengxaki yezintso. Ukuba oko kunjalo, phakamisa isandla sakho.

151 Kutheni loo nto isoloko ibetha ebusweni bam? Umntu uthi, “Uyiqikelela loo nto.” Andizange ndiyiqikelele loo nto.

152 Apha, ngumfazi olungileyo. Uyandikholelwa? Ngoku uyazi ukuba andikhange ndikuqikelele oko. Makhe ndithethe enye into. Umyeni wakho unawe. Uyabandezeleka, naye. Ingaba akanjalo? Imeko yomqolo. Injalo lo nto. Akunjalo? Unenkwenkwe encinci nawe. Uyabandezeleka, naye. Ufuna ukuba athandazelwe. Unento engalunganga emehlweni akhe. Injalo lo nto. Unentombazana encinci kunye nawe, inengxaki yezintso, njengawe. Ingaba oko kunjalo? Ngoku ningaphila nonke, ukuba niyakholwa. Niyayikholelwa? UThixo akusikelele. Hamba ngendlela yakho uphile.

153 Uyakholwa? Isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ingaba yintoni? Uzama ukwenza ntoni? Kuni, Mbewu ka-Abraham, Uyakubonisa ukuba Akafanga. Andikwazi ukuzenza ezo zinto. Akafanga. Kodwa Uyaphila, ekubonisa ukuba unelungelo lokuthimba amasango otshaba lwakho. Oko kufanele kuyizinzise.

154 Eli nenekazi, yiza ngale ndlela, umzuzwana nje. Simalunga, kwindawo ethile yobudala obufanayo, ndiyacinga. Kodwa thina si—singabasemzini omnye komnye, ngokokwazi kwam. Andikwazi, kwaye singabasemzini. Andazi nto ngawe. Ukuba oko kunjalo, phakamisa isandla sakho, yabona. [Uthi udade, “Kunjalo oko.”—Mhl.] Abanye babo bakunike nje ikhadi lokuthandazelwa, kwaye naku ulapha. Konke kulungile. Ngoku ukuba iNkosi uYesu . . .

155 Ukuba mna, mhlawumbi, yithi bendizama ukuthabatha indawo kaMzalwana u-Oral Roberts, okanye enye yaloo

madoda abalaseleyo okholo, Ndingathi, "Nenekazi, yintoni engalunganga ngawe?"

156 Ubuyakuthi, "Ke, ndina *nje-na-nje*." Ngoku, usenokuba akalunganga. Yabona? Andazi. Yabona? Kodwa, yena, unokumxelela into engalunganga.

157 Ubeya kubeka izandla phezu kwakho, athi, "UThixo undithume u—ukuthandazela abagulayo. Uyakukholelwa oko?" "Ewe." "Uzuko kuThixo! Hamba, uyikholelwe."

158 Konke kulungile. Konke kulungile. UThixo wakuthembisa oko. Kodwa, uyabona, siphila phezulu kancinci phezulu kwi—imini kunokuya. UYesu wathembisa, "Njengoko kwakunjalo ngemihla yaseSodom. Imisebenzi endiyenzayo mna niyakuyenza nani."

159 Ngoku, ukuba uThixo angandixelela into obuyiyo, uyayazi ukuba okuya yinyaniso na okanye hayi, Unokukuxelela into oya kuba yiyo, kwaye ukuba okuya yinyani, oku kuya kuba yinyani, nako.

160 Ukuba Uyakuxelela, nantoni na, andazi, kodwa ukuba Uyakundixelela ukuba yintoni ingxaki yakho, niyakukholwa, nani, baphulaphuli?

161 Ngenene kufuneka ndiyeke. Elaa xesha linye, laa mntu obelapha kumzuzwana odlulileyo, umelwe kukukuqinisekisa oko. UYesu wakwenza ngaxeshanye. Akazange ayenze elinye ixesha. Wonke umntu waseSikare wakholwa, wakholwa bubungqina bomfazi lowo, ekufikeni kwakhe, wabaxelela, kwaye wayengumfazi odume kakubi. UmKristu usandula ukulishiya iqonga, phambi kwenu nonke! Amen. Kodwa ngenxa yokuba kusemva kwexesha kunokuba sicinga, yanga iNkosi ingaqhubeleka ukuZiqondakalisa, onguMeyisi oLigorha elikhulu, ukuba iMbewu ka-Abraham . . . Kodwa njengo-Abraham, Wayenzela u-Abraham, kanye; emva koko wakutshabalalisa okuya, wayenza kwakhona. U-Abraham waqhubeka ekholelwa kuThixo.

162 Awuzi apha ngenxa yakho. Ulapha ukwenzela omnye umntu, kwaye linenekazi elo. Ngudade wenu. Kwaye inenekazi ligutyungelwe lithunzi lokufa. Kwaye lihlutshwa si—isifo seswekile. Kwaye asilolalapha. Lisuka kwi . . . Lisuka eLouisiana, ilizwe elinomgxobhozo. Oko . . . Kwaye nantsi enye into, ukuze abaphulaphuli babe nokwazi oku. Unentombi egula ngokwenene, eceba ukuza kulo mhlangano, kwaye inesifo sokuwa. Yinyani oko. Oko Yinyaniso. Akunjalo? Uyakholwa ngoku? [Udade uthi, "Ewe. Amen."—Mhl.] Ukuba uyiMbewu ka-Abraham, yamkele kwaye uphume, kwaye uphiliswe eGameni likaYesu Kristu.

163 Uyakholwa? Ngokuqinisekileyo. Khumbula, sisithembiso Sakhe. Wathi Uyakuyenza loo nto. Uyasigcina isithembiso Sakhe.

164 Uphila kanjani? Singabasemzini omnye komnye. Andikwazi. Kodwa uThixo uyakwazi. Uyakholwa ukuba uThixo angatyhila kum ingxaki yakho, ngoko uyazi ukuba kufuneka ukuba iphume kumandla athile omoya. Ngoku, zimbini kuphela izinto enokuvela kuzo, onokuthi uyicinge ngengqikelelo. Xa yenziwe, ingaphaya kokuchazwa, kuba yinto ebalaselayo. Kwaye, kananjalo, yindida; into, kulungile, ayinakuqiqeka, kodwa yinyani. Ibiya kuba yindida. Kwaye ngoku uyayazi, nokuba yinyani na okanye hayi, uya kwazi ukuba Ukuxelele iNyaniso na.

165 Ngoku, khumbula, andikwazi. Kufuneka kube nguMntu othile ngaphandle kwam. Ukuba wenza njengabaFarisi, kwaye uthi, "Owu, ngumoya ombi," ngoko ke unawo la mvuzo. Ukuba uyakholwa ukuba nguKristu, unomvuzo Wakhe. Isizathu sokuba ube nokuyikholelwa, ngokuba Wayithembisa ngalo mhla, kwaye ayizange ibekho ukusuka kwelo xesha ukuza kweli. Loo nto yenza ukuba ibe lixesha lesiphelo.

166 Kukho umntu omana ebonakala phambi kwakho, lonke ixesha. Yindoda, intloko engwevu. Ngumyeni wakho. Uhleli kanye phaya. Uzama ukwamkela ukuphiliswa kwakhe, egutyungelwe ngumhlaza, ithumba, umhlaza. Unengxaki yezintso, ingxaki yesinyi. UnguMnu. noNkskz. Little. Ingaba oko kunjalo? [Udade uthi, "Ewe."—Mhl.] Kholwa ngentliziyo yakho yonke, uphiliswe.

167 "Uthi elakhe, igama labo?" Kutheni, ngokuqinisekileyo. Akazange uYesu amxelele uPetros, "Igama lakho nguSimon, unyana kaYona"?

168 Nantsi indoda. Singabasemzini omnye komnye, mhlekazi. Andikwazi. Kodwa uyindoda, njengo—njengoPetros esiza kwiNkosi uYesu, siyahlangana. Uyandikholwa ukuba ndingumkhonzi Wakhe? Ingaba uyakholelwa ukuba le nto ndiyithethileyo iyinyani? [Umzalwana uthi, "Ewe, mhlekazi. Ndiyayenza, mhlekazi."—Mhl.] Ukuba unokuyikholelwa! Mna, ukuba kukho nantoni na endinokukwenzela yona, ndiya kuyenza, kodwa akukho nto ndinokuyenza. Sele ekwenzile; yinto nje yokwenza ukuba uyikholelwe. Kwaye, yabona, ayiyi kuba ndim. Ukuba ibindim, bendiya—bendiyakwenzela konke endinokukwenza. Kodwa Wandinika isipho, kwaye ndizipholela nje phambi Kwakhe, aze Yena athethe. Uyayikholelwa loo nto? ["Ewe."]

169 Niyayikholelwa loo nto, baphulaphuli?

170 Bendifuna ukufumana indoda. Unezinto ezininzi ezingalunganga ngawe. Kodwa enye yezinto kukuba, unesihluma kwiliso lakho lasekunene. Leyo yeyona ngxaki yakho iphambili. Nantsi enye into, umfazi umana evela apha. Ngunkosikazi wakho. Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela into engalunganga ngenkosikazi yakho apha? Inkathazo yakhe

isemlonyeni wakhe. Ngamazinyo akhe. Injalo lo nto. Uyakholwa ukuba kwaloo Yesu mnye, Owayesazi ukuba uSimon Petros wayengubani, onokundixelela ukuba ungubani na? [Umzalwana uthi, "Ewe."—Mhl.] Ingaba inokukwenza ukholelwe kakhulu? ["Ewe, mhlekazi."] Bekuya kuba njalo? ["Ewe."] Oscar Barnes. ["Injalo lo nto."] Ingaba oko kunjalo? Hamba ngendlela yakho egodukayo, uphile.

171 [Indawo engenanto eteyiphuni—Mhl.] . . . ongaziwayo kuwe. Andikwazi, kodwa uThixo uyakwazi. Uyakholwa ukuba Uyakwazi ukundixelela ukuba yintoni ingxaki yakho? Ungayikholelwa ngentliziyo yakho yonke? Ingxaki yakho ijikeleze umqala wakho, nasesifubeni sakho apha. Ku—kukubola kwamathambo. Ufumana amaqhuma, njengathi, kunye namaqhina ngaphakathi kwesakhiwo samathambo. Injalo lo nto. Awungowalapha. Ukwi—isixeko esinamahlathi e-orenji macala onke. Sihleli entlanjeni, kunye nokubonakala okujikelezileyo kweentaba emva kwaso. Kukho ihotele ebizwa ngokuba yi Antlers. YiSan Bernardino. Kulapho usuka khona. Buyela emva, uYesu Kristu uyakuphilisa, ukuba uyakuyikholwa.

172 Inye kuphela into enokuphilisa umhlaza, lowo nguThixo. Uyakholwa ukuba Uyakukuphilisa? [Umzalwana uthi, "Ndiqinisekile."—Mhl.] Yikholelwe! Hamba, kwaye yanga iNkosi uYehova ingakwenza uphile ngokupheleleyo.

173 Kutshanje ube ngaphandle- . . . uvalo ngokugqithisileyo, ukucaphuka ngenene. Ngolu valo, isisu sakho sikwimeko ethile. Awukwazi ukwetyisa ukutya kwakho; ikunyuse ikuzise emlonyeni wakho. Yi asidi yonke emlonyeni wakho. Emva kwemini, uye udinwe ngokwenene nayo yonke into. Unesilonda esiswini. Uyakholwa ukuba lowo nguYesu Kristu onokukuxelela loo nto? [Uthi udade, "Ewe."—Mhl.] Hamba uye kudla isidlo sakho sangokuhlwa, ngoko. Kholwa ngentliziyo yakho yonke, uYesu Kristu uyakuphilisa.

174 Unjani ngempilo? Zininzi izinto ezingalunganga. Kodwa enye yezinto oyoyikayo, uza kukhubazeka sisifo samathambo. Kodwa uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa, akwenze uphile kuso? [Udade uthi, "Ewe."—Mhl.]

175 Nkosi Yesu, ndiyathandaza ukuba Uyakumpha udade wethu. Mnike ukubona kwakhe. Susa inkathazo yamanenekazi kuye, kwaye uphilise isifo samathambo, eGameni likaYesu. Amen.

176 Hamba ngoku, ukholwa. Uya kuyenza, kwaye kuya kulunga. Musa ukuthandabuza, qhubeka nje uhamba, kwaye ukholwe ngentliziyo yakho yonke.

177 Ingxaki yentliziyo yinto eyoyikekayo, kodwa uKristu uphilisa intliziyo. Uyayikholelwa loo nto? [Udade uthi, "Ewe."—Mhl.] Hamba, yikholelwe, kwaye konke kuyakwenzeka. Idlulile.

178 Ingaba uyakholelwa ukuba uya kuba sisiqhwala? Hayi, andicingi njalo, kananjalo. Ingcinga yam, isifo samathambo; eso sithunzi phaya, owu, ngumhlaza lowo. Uyakholwa ukuba Uyakuyiphilisa? [Uthi udade, “Ewe, ndiyakholwa.”—Mhl.] Hamba, uyikholelwe. Uya kukwenza uphile.

179 Bekukukhathaza ixeshana elincinci, ukuvaleka entliziyweni. Kodwa uyakholwa ukuba izakuphela, ngobu busuku? Hamba, uyikholelwe, uYesu Kristu uyakuphilisa.

180 Ibe yingxaki encinci, kwingxaki yamanenekazi, ixesha elide. Kwaye ke, wena, unobunzima bokuvuka kusasa. Uyaqina, kumalungu akho omzimba. Kunzima ukuhamba, kude kube semini, yexesha. Sisifo samathambo. Hamba, ungathandabuzi, awusayi kuba nayo kwakhona. Yikholelwe nje, ngentliziyo yakho yonke.

181 Unezinto ezininzi, iingxaki. Kodwa inye into ekukhathazayo kakhulu, ucinga nangesifo samathambo, ntoleyo esiso, siyakukhubaza. Uyakholwa ukuba Uyakukwenza uhambe uphile? [Udade uthi, “Ewe, mhlekazi.”—Mhl.] Hamba, uyikholelwe ngentliziyo yakho yonke, uYesu Kristu uyakukuphilisa.

182 Intliziyo enevalo, nesifo samathambo, kodwa uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? Uyayenza? Hamba, kwaye yanga iNkosi uYesu ingakwenza uphile.

183 Eso sisu ngokuqinisekileyo sikunika inkathazo enkulu kule minyaka imbalwa idlulileyo, akunjalo? Asisayi kuphinda. Hamba, uyikholelwe. UThixo akusikelele. Phila.

184 Unako, kananjalo, isisu sakho siphilisiwe. Hamba, ukholwe ngentliziyo yakho yonke. Musa ukuthandabuza.

185 Unobunzima bokuphefumla, lambefu mdala ukwehlisela phantsi, awenzi njalo? Ingaba uyakholelwa ukuba iza kwenziwa ngoku? [Umzalwana uthi, “Ewe.”—Mhl.] Kulungile, hamba uyikholelwe. Amen.

186 Haleluya! Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke?

187 Umzuzu nje. Awukuboni okwa kuKhanya phaya? Inenekazi elincinane elintsundu lijonge kum, lihleli kanye apha ezantsi, linesihluma kwicala lalo lasekhohlo. Linengxaki yezintso, iingxaki. Ubunokholo olungakumbi. Akuyomfuneko ukuba unyeke uze apha. Idlulile. Yikholelwe nje. Amen. Yiba nokholo kuThixo!

Uyayikholelwa loo nto?

188 Uyakholwa, dade, uyakudlula kulaa ngxaki yomqolo, uhleli phaya? Uyakholwa ukuba Uyakukwenza uphile? Kulungile. Sukuyithandabuza nje, kwaye ungayifumana ukuba uyakuyikholwa nje.

189 Indoda ehleli apha, ejonge kum, ikhathazwa lidlala ebudodeni, ivuka ebusuku nezinto ezinjalo. Uyakholwa, mhlekazi? Kuyakuba kuphelile, ngoko, ukuba uyakholwa.

190 Nantsi indoda entsundu ihleli ngapha, ijonge kum. Ibulaleka sisifo sesathuthwane. Kananjalo ufuna ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Yima ngeenyawo, mhlekazi, yamkele impiliso yakho. Wanga uThixo angakunika ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Amen.

191 Uhleli ngaphaya kwakho, kukho umntwana ohleli phaya, okwanesifo sesathuthwane, uhlobo lokufa isiqaqa, ehleli phaya phandle, ngaphaya kwelinye icala. Uyakholwa ukuba uThixo uyakumphilisa umntwana, apho? Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Ngoko uThixo uya kumphilisa umntwana.

192 Niyakholwa, nonke ngabanye? Akayiyo—akayiyo Yena—akayiyo Yena iMbewu ka-Abraham yasebukhosini yenyaniso? AkangoMeyisi Onamandla na? Ingaba Wathembisa ukuba ungawathimba amasango otshaba?

193 Bangaphi kuni ababotshiweyo, beva uxinzelelo lotshaba? Phakamisa izandla zakho, ukuba niva uxinzelelo lotshaba, kwaye niyiMbewu ka-Abraham, ziphakamiseni izandla zenu *ngolu* hlobo. Yithini, "Mzalwana uBranham, ndikhathazwa kukuphakuzela." Owu, kumalunga namashumi asibhozo eepesenti kuni analoo nto. Yithi, ndi. . .ikhukhumele kakhulu ngoku, sonke isihlwele sifana nokuba mfiliba okukhulu, iphantse indenza imfama, phaya phandle apho nikhoyo.

194 Awuboni, ukuba apha amashumi amabini okanye amashumi amathathu, mhlawumbi, iimeko, okanye ngaphezulu, kanye apha kweli qonga naphandle kwelabaphulaphuli, ukuba uThixo akasileli? NguYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Uyayikholelwa loo nto? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngoko kutheni kungenjalo, yonke iMbewu ka-Abraham, kutheni ungasithathi nje isitshixo ngoku? UMeyisi omkhulu, owakoyiselayo, ulapha. Uye wazibonakalisa ukuba ulapha. Uyakholwa kuYe?

195 Emva koko thatha isitshixo sakho sokholo, fikelela phezulu ngezandla zakho, uze uthi, "Yesu Kristu, ndiyakholwa ngokuphiliswa kwam, khona ngoku." Yima ngeenyawo. Phakamisa izandla zakho, uvule ukholo lwakho ngoku. "Ndiyakholwa, Nkosi Yesu. Ndiyakholwa kanye ngoku."

196 Ngoku beka izandla zakho phezu komnye. Beka izandla zakho omnye komnye, enye iMbewu ka-Abraham. Ngoku thandazela laa mntu. Beka izandla zakho phezu kwabo. UYesu wathi, "Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo. Ukuba bathe babeka izandla phezu kwabagulayo, bayakuphila."

197 Sathana, woyisiwe edabini. EGameni likaYesu Kristu, phuma apha, ubayeke bahambe aba bantu, ngenxa yozuko lukaThixo.

